

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



## KUKHULU OKWENZEKA ngesisa ngenxa yezidingo

**N**ANGONA UGQALISELO LUKWIINYANISO ZENENE EZINGQONGE UBHUBHANE WECOVID-19, NJENGE-NANI LABASWELEKILEYO NABAFUNYANISWE BENESI SIFO, AKHONA NAMABALI OBUBELE AMANA UKUVAKALA KUMAJELO OSASAZO.

Abanye abanini-mpahla bathobe irenti yabaqeshiselwa babo ngethuba lomvalela-ndlwini. Omnye umnini-venkile waseKapa ubekelule imiquili yempahla yokucoca enesanithayiza yezandla, imaski, isepha nesikhuculi seentsholongwane esilulwelo waze wanika abantu, simahla, nakubani ongaphezu kweminyaka engama-65. Bekukho abantu ebebesenza imigodlwana yokutya nezinto zokhathalelo ukuze banike abantu abadala okanye abasweleyo.

*Louise Kunz, umbhalu kwiPula  
Imvula. Thumela i-imeyili apha  
louise@infoworks.biz*



Elinye ibali 'lokuziva kamnandi' limalunga nenkwenkwe eneminyaka eli-14 eyavuka ngentsimbi yesi-4 ekuseni ukuze incede ngokubhakela amaqela anikela ngesisa neeNGO izonka. Lo mntu mtsha uhlala eNkosi's Haven Village eAlan Manor, emazantsi aseGoli. Olu bonelelo lokhathalelo luyindawo ehlala oomama, abantwana neenkedama ezichatshazelwe yiHIV/Aids.



## AMAZWI AVELA... kuJerry Mthombothi

THI IPHELA INYANGA KA-AGASTI, ABALIMI BABE SEBEGQIBILE UKUVUNA ISITYALO SABO. EMVA KOKUTHENGISA UMBONA WABO, ABALIMI BAFANELE UKUTHELEKISA IINDELEKO (IMALI ABAYICHITHE XA BETHENGA IIMVELISO ZAMALUNGISELELO NOOMATSHINI KUNYE NEZINYE IINDELEKO ZEXESHA LOKULIMA ELINGAPHAMBILI) NEMALI ABAYIFUMENE EMVA KOKUTHENGISA IMVELISO YABO UKUZE BABONE UKUBA IKHONA NA INUZO OKANYE AYIKHO.

Ukuba iindleko zingaphezulu kwingeniso abayifumanayo, mhlawumbi bangacinga ngesinye isityalo okanye bazame ukuphucula iimpazamo abazenze ngexesha elingaphambili lokutyalu. Ufanele ukujonga emva kwiinkubo zokulima azame ukuqwalasela ukuba angaziphucula phi.

### KUFUNeka BENZE NTONI ABALIMI NGOSEPTemBA?

Njengoko sikhwinya kaSeptember ngoku, abalimi bafanele ukunisikisa ukuba benza kanje:

- Balungisa ixikhobo zokusebenza zabo, bazicoce, bazigcine kwindawo enekhusi, futhi baqinisekise ukuba zikwimeko elungele ukusbenza.
- Bafanele ukuthatha iisampulu zomhlaba xa bebengazithathanga kwinyanga edlulileyo baze bazithumele elabhoratri.
- Ukuba bayazazi izichumiso abafanele ukuzithenga nokuthi zingaphi iingxowa eziza kufakwa ngehektare, bangaqalis ngokufaka iiodolo zezichumiso nezinye iimveliso zamalungiselelo ezifana nembewu kanye neekhemikhali.
- Ukuba ibingafakwanga ikalika ngenyanya ka-Agasti, eli liya kuba lixesha elilungele ukufakwa kwayo.
- Mabenze isiqqibo ngezityalo ezifanele ukutyalwa nokuba ngawaphi amasimi aza kusetyenziswa, njengoko sikholis ukuhuthaza abalimi ukuba bajikelezise isityalo sabo sombona nemidumba.
- Ukuba kukho imfuneko, umlimi angawakrazula amasimi akhe alimekayo ukuba imihlaba yakhe ayikho nzulu ngokwaneleyo.
- Mababhale phantsi yonke imisebenzi neentsuku zokwenziwa kwayo, umzekelo, xa kutyalwa seyihambile inyanga kaOkthobha okanye ekuqalen kukaNovemba, ukutshizwa kwezitshabalalisi zokhula phambi kokuhluma, izichumiso ze-N zomaleko ongaphezulu nokutshiza ngeekhemikhali zasemva kokuhluma, njalo njalo.

## Kukhulu okwenzeka ngesisa...

### IMIYALEZO YEMIBULELO

Nantsi imiyalezo emibini yemibulelo efunyenwe nguTimon evela kubefundisi abanikele ngokutya emabandleni abo:

- 'Ndinqwenela ukuthumela umbulelo kuwe nakubo bonke abalimi abanikele ngempahla ebifune ka kangako kumaqela oluntu lwethu. Luncedo olwamkele kakhu kwaye abantu banombulelo onzu-lu. Sendinika abantu impahla kwaye sikhulu isidingo. Ngoku ndiya elshwepe aphi ndisa khona ubonelelo lokuggibela. Nceda dlulisa umbulelo wethu kubo bonke abalimi kwaye wanga uThixo angabasikelela.'
- 'Siyayibulela iminikelo yezidlo. Ndifakele nje okuncinane njengoko ubona. Ndithenge namakhaphetshu. Timon, nabani ozibandaka-nya ekwenzeni umahluko ebomini babantu, oku kuthetha okukhulu kwinkonzo yethu.'

Benze isiqqibo sokuzibekela ecaleni ezabo izidingo ukuze babbakele abo banesidingo ilofu ezingama-450 ngosuku.

### YENZA UMAHLUKO

Umama uTeresa, unongendi wodumo webandla lamaRoma owanikela ubomi bakhe kukhathalelo lwabasweleyo, wathi: ukuba akukwazi kondla abantu abalikhulu, yondla ke nokuba mnye qha'. E-TWK kwindawo yasePiet Retief, intshiyekela yombona ebekuphiswe ngawo kuqala kwiprojekthi yoncedo ngembalela – iprojekthi eyasungulwa usaqala lonyaka yiGrain SA ngokubambisana namanye amashishini ahluka-hlkileyo ezolimo kuMzantsi Afrika uphelele – ibangele ukuba kube nakho ukondla abantu kungabi ngumntu omnye kuphela, kodwa kuge ngamakhulu abantu abalamibileyo kule ndawo.

UJURIE MENTZ, umququzeleli wophuhlis eLouwsburg, ubuzwe yiTWK ngoMeyi ngombona oyintshiyekela. Emva kwentlanganiso yababoneleli, iTWK neGrain SA, kwensiwa isiqqibo sokugxotha indlala ngethuba lomvalela-ndlwin. Ukuhlangabeza iindleko zokusila nezokubekelala umbona, iTWK ibingawukhuphi wonke umbona. Ngethutiana, umbona omhlophe weetoni ezingama-70 ubusowuguqulelw kwiiton ezingama-50 zomgubo wombona ulungele ukunikelwa, sibulela abalimi bemvisiswano nabanesisa, uluntu olunothando, lweTWK nolweGrain SA.

UTIMON FILTER, umcebisi nomqeveshi kwiNkqubo yaseGrain yoPhuhlis iWabaLimi ebezibandakanye emsebenzini wobuvangeli kwiminyaka eliqela kwindawo yasePiet Retief. Ngokuzibandakanya kwakhe eluntwini kwidabi lobunye ude waba neenokeli kwezomoya azaziyo kule ndawo. Le ibiyeyona ndlela ifanelekileyo yokubhala uludwe lwabantu abaswele ngokuxhalabisayo. Ngaphaya koko, iicawa, amakhaya abadala namanye amaziko nawo acelwe ukuba abonelele ngeenkukacha. 'Kwakhona sicele iinkokeli zamaqela ofundo-nzulu ukuba zithumele amagama abantu abadinga ukutya abahlala kwiindawo ezisemaphandleni enene,' waleke watsho uTimon.

Ngoku iingxowa zigcinwe ecaweni ePiet Retief kanti omnye wamalungu onelori uzinikele ukuba uza kunceda ngothutho nokunikelwa komnye wombona. Omnye umgubo wombona unikelwe ngokusebenzisa amaqela ofundo-nzulu, iicawa, izikolo namakhaya abadala.

Nangona iGrain SA ibingumphathi wale projekthi, ngokuiniseki-leyo kukusebenzisana okudale umahluko. 'Ndibamba ongezantsi xa ndibona indlela izinto ezsuke zahamba kakuhle ngayo,' utsho uJURIE.



## ISIDINGO ESANDAYO, INTLIZIYO EZINOMBULELO

UTimon uthi iminikelo inikwe neentsapho zaseAmsterdam, idolophu encinane malunga nama-60 km ukusuka ePiet Retief. 'Kwiintsapho ezili-178 ebezichongwe njengezinesidingo, ezingama-98 kuzo bezisweli ngokuxhalabisayo nezithe zancedeka ngomnikelo lowo.'

Ngenyanga kajuni kunikelwe ngomgubo wombona weetoni ezi-13,5, kodwa isidindo siyakhula njengoko umvalela-ndlwini usaqhuba. Ujurie noTimon bakholelwa ekubenii isidindo sokutya siza kwanda, ngokunjalo kodwa banethemba lokuba kuya kwanela ukuze bandedwe abantu zide iimeko zelizwe ziphucuke.

KuTimon le projekthi idibanisa abantu. 'Kubangela intobeko ukubona indlela abantu abazibandakanya ngayo kwimizamo yokunceda.' Kubangela intobeko ngakumbi ukufumana imiyalezo yemibilelo kwiWhatsApp nakwi-imeyili.

UJerry Mthombothi, umququzeleli wophuhliso IwaseGrain SA kwifisi yaseNelspruit, kutshanje uvule amehlo eqela elisebenza kune ngesidindo kwindawo yakhe. Abalimi kwindawo yasePiet Retief banikeli iitoni ezili-10 ngobubele kwaye ziya kusiwa kwiindawo ezithunyelwa kuzo kwiniyanga ezintlanu, iitoni ezi-2 ngenyanga.

Nceda ukhumbule, ukuba nawe ungawenza umahluko nokuba mncinane kangakanani. Naphi na apho kukho khona isidindo somtu, kukho ithuba lokwenza isisa.



*Abanye kubantu abafumene uncedo kwinkqubo yezondlo babulela abalimi abanobubele abancediswe yiGrain SA neTWK kwindawo yasePiet Retief.*



# Yigqale imiba ENEFUTHE KWISIVUNO

**U**MGAQO ONOBUCUKUBHEDE BOQIKELELO LWEZIVUNO UCHAZIWE KUMANQAKU ANGAPHAMBILI EPULA IMVULA. LO MGAQO UVAVANYIWE KWAMANYE AMASIMI ABELINYWE NGEXESHA LOKULIMA LANGO-2019/2020 UKUZE KUTHELEKISWE UQIKELELO LWAPHAMBI KOKUVUNA NESIVUNO ESIVUNWE SASEKUGQIBELENI. OKUYE KWACACA YIYANTLUKWANO EBANZI KUBUKHULU BEZIKHWEBU, KUMANANI EMIQOLO NGESIKHWEBU NGASINYE KUNYE NOKUSHIYASHIYANA KOBUNZIMA NOKUTYA KOKHOZO MALUNGA NOMHLANGANISELA NGAMNYE ENTSIMINI OKANYE KWIBLOKO ELINYWE KWANGELO THUBA.

Sisenzo esiluncedo ukufula izikhwebu kwizityalo eziliqela ezithile phambi kokuvuna. Zisenokuhlolewa zilinganiselwe ubude bezikhwebu, inani okanye imiqolo, ubude bendawo ehloholeke imbewu ngokupheleleyo ngelixa uqwalasela naziphi na iindawo ezingamvumvuzelwanga nezinembewu engaphuhlanga kwiincam zezikhwebu.

linkcukacha okanye idata ingasetyenziselwa ukuvavanya naziphi na iintstileo kwesona sivuno sivuniweyo xa kuthelekswa nomgqaliselo obucwangciselwe kunye nesakhono senkubo yokufakwa kwezichumiso. Naziphi iimeko zonqongophalo ezipawulweyo zinokusetyenziselwa ukuphucula le mibandela yokulima kwisityalo esilandelayo.

Umzekelo wovavanyo olwenziweyo ungajongwa **kwiTheyibile 1**. Nceda qaphela iyantlukwano efumaneka kubukhulu obushiya-shiyanayo bezikhwebu. Uvavanyo lwenziwa ngoko izikhwebu zombona bezisafume kakhulu



**Kwalo mhlanganisela ovavanyiweyo ubonisa umbona nezikhwebu, ezinye nje emva kokuvula kwemibungu yesilika nokumvumvuzelwa, ezinye zikwibanga lentlama ethambileyo, oku kwalatha inkitha yezikhwebu kwisityalo.**



**Kwayona intsimi edume ngesakhono esingaphezu kweetoni ezisi-8,5 ngehektare nenezikhwebu ezhloholeke ngokupheleleyo kodwa isuka ibe nesivuno esimalunga neetonni ezi-6 ngehekare.**



E kwadiiwe ke morolatio

1

*Umzekelo woqikelelo lwesivuno sesityalo sombona.*

Maize - Crop yield estimation Determine the mass or weight of seed or kernels per plant Test example									Test 1	Totals
Cobs on 10 plants	1	2	3	4	5	6	7	8		
Rows per cob	16	14	14	16	14	14	14	14		
Kernels per row	42	36	21	43	36	21	36	36		
Number of kernels/cob	672	504	294	686	504	294	504	504	3 964	
Cobs on 10 plants	9	10	11	12	13	14	15	16		
Rows per cob	14	14	14	14	14	14	14	14		
Kernels per row	36	36	36	36	36	36	36	36		
Number of kernels/cob	504	504	504	504	504	504	504	504	4 032	
Cobs on 10 plants	17	18	19	20	21	22	23	24		
Rows per cob	14	14	14	14	14	14	14	14		
Kernels per row	36	36	36	36	36	36	36	36		
Number of kernels/cob	504	504	504	504	504	504	504	504	4 032	
Cobs on 10 plants	25	26	27	28	29	30	31	32		
Rows per cob	14	14	14	14	14	14	14	14		
Kernels per row	36	36	36	36	36	36	36	36		
Number of kernels/cob	504	504	504	504	504	504	504	504	3 024	
Total number of kernels in all cobs counted									15 052	
Determination of yield of maize per hectare										
Descriptor	Plants	Kernels per test	Average kernels per plant	Mass per kernel grams	Grams per plant	Plant population per ha	Total grams per ha	Total kg's per ha	Total yield tons per ha	
Block letter	A	B	C	D	E	F	G	H		
Formula			B / A		C * D	From plant population test	E * F	G / 1 000 grams per kg	H / 1 000 kg's per ton	
Total test 1 (above)	10	15 052	1 505	0,28	421					
Total test 2 (e.g.)	10	15 052	1 505	0,28	421					
Total test 3 (e.g.)	10	15 052	1 505	0,28	421					
Totals (Averages)	30	45 156	1 506	0,3	452	16 304	7 366 304	7 366 95%	7,37	7,00
less 5 % for Harvesting losses										
Simulated yields at different kernel mass or seed mass										
At a kernel mass of				0,28	377	16 304	6 138 587	6 139	6,14	
less 5 % for harvesting losses									95%	5,83
At a kernel mass of				0,28	422	16 304	6 875 217	6 875	6,88	
less 5 % for harvesting losses									95%	6,53
At a kernel mass of				0,35	527	16 304	8 594 022	8 594	8,59	
less 5 % for harvesting losses									95%	8,16

zaze zalinganiswa ngexesha lokuvuna. Isivuno esiqikelelwayo esigcinakeleyo ngelo xesha laliziiton ezi-6,17 ngehektare. Xa kujongwa intwana evuniweyo kubonakala ngathi isivuno sasekugqibeleni siya kuba ziiton ezi-6,4 ngehektare. Kuyacaca ukuba umgaqo ubuchaneke ncum kwaye ubungqiyame ngolondolozo. Kuchutywe iinkozozemiqolo emibini kwisikhwebu ngasinye, zabalwa kwalanganisla nobunzima bazo. Inani lemiqolo elafunyaniswayo ngesikhwebu ibili-12, 14, 16 ne-18 kumhlanganisela omnye.

## IMIHLANGANISELA

Isivuno siqikelelwayo ngokwamanani eenkozo/eepete nangobunzima okanye ngokutya okuselukhozweni. Oku kuphinda kuphenjelelw e zizityalo ngehektare, izikhwebu ngesityalo neenkozo ngesikhwebu. Abalimi banemihlanganisela emininzi ekhoyo abanokukhetha kuyo ngesithili ngasinye esilimayo ukususela kwisikhondo esihamba sodwa seentloblo zezikhwebu ezihamba zodwa ukuya kwiintloblo zezityalo ezinezikhwebu ezininzi. Ezinye izikhwebu zilungele ifula yesisele ngokunjalo nemveliso yembewu.

Inani elinokubakho leenkoco kunye neenkoco emqolweni liqikeleleka phakathi kwamabanga okukhula eV6 neV8. Amabanga eV6 neV8 achaza amabanga okukhula kwamaggabi esi-6 nesi-8 emva kokutyal. La mabanga anokwenzeka, ngokuxhomekeka ekubunjweni kwestimo sofuzo kwimihlanganisela yombona, phakathi kweentsuku ezingama-23 nama-32 emva kokuntshula. Elona nani liphezulu leendawo eziziqalelo zembewu zibumbeka emva kokucandeka kwakuqala kuze kuvele imiqolo emibini. Isakhono sesikhwebu esinokude sifikelele kwiziqalelo zembewu ezili-1 000 ngesikhwebu sisekeka kwiveki ephambi kokuvula kwemibungu yesilika malunga neentsuku ezingama-70 zobudala. Imibungu yesilika ipuma

Single plant data cobs		21	ha's												
	Size	Total length in cm's	Length to last seed row	No of rows	Kernels in row	Kernels per cob	No of pips from 2 rows	Wet mass of pips from 2 rows in grams	Mass from 1 row in grams	Inferred total wet mass of seed per cob	% Moisture	% Seed mass	Dry mass per kernel grams	Actual dry mass at harvesting 12,5% moisture	
Cob 1	Large	22	21	16	42	672	90	42	21	336	40,00%	60,00%	201,6	0,30	0,30
Cob 2	Medium	19,5	18	14	38	532	84	38	19	266	45,00%	55,00%	146,3	0,28	0,32
Cob 3	Small	18	12	14	19	266	82	38	19	266	65,00%	35,00%	93,1	0,35	0,34

Single plant data cobs		4	ha's												
	Size	Total length in cm's	Length to last seed row	No of rows	Kernels in row	Kernels per cob	No of pips from 2 rows	Wet mass of pips from 2 rows in grams	Mass from 1 row in grams	Inferred total wet mass of seed per cob	% Moisture	% Seed mass	Dry mass per kernel grams	Actual dry mass at harvesting 12,5% moisture	
Cob 1	Large	22,50	21,50	18	44	792	88	40	20	360	35,00%	65,00%	234,00	0,30	0,31
Cob 2	Large	21,00	20,00	14	45	630	92	40	20	280	35,00%	65,00%	182,00	0,29	0,30

Summary – estimated yield						
Ha's	Plant pop	Mass / Plant	Yield	less 5% harvesting loss	Total land yield in tons	
Land portion	21	16 304	422	6,88	6,54	13726
Land portion	4	15 000	300	4,50	4,28	1710
Total land	25			6,17	15436	

kwindawo nganye esisigalelo sembewu ize ithi yakufumana umvumvuzelo, ichunyiswe, iqale ipuhule njengeenkozo. Inani leenkozo elinokubumbeka ke ngoko lixhomekeke kakhulu kwiimeko zokukhula nakubukho bezondlo phambi kokuqalisa kokubumbeka kwemibungu yesilika, ngelixa iinkozo ezizizo zifikelela kubukhulu nasekuhlolekeli okupheleleyo ngokuxomekeka kwiimeko zethuba lokubumbeka kwemibungu yesilika.

Izikhwebu ezichazwe ngezantsi zezivela kwezinezikhondo ezininizezohollo Iwezikhwebu ezikhula zizinini neziphinda ziyifanele imveliso yefula yesisele. Njengoko kufunyanisiwe ngethuba lokulima kumabanga asekuqaleni ukuya kwaphakathi eR2 ukuya kwaveR3 ophuhliso lokuzandisa kweenkozo kukho izityalo ebeazinesakhono sezikhwebu ezinokufikelela kwisixhenxe kwizikhondo ezithathu eziwe zade zazi-2 okanye zazi-3 ngethuba lokuvuna. Kumaxesha emvula izikhwebu ezongezelelweyo zingayimeko efanelekileyo. Nceda ujunge iitshati ezininizi ezikhoyo kubathengisi bembewu malunga namabanga okukhula kombona.

Abalimi bafanele ukugqala ukuba konke oku kukhula ngokuziphindaphinda okukhatshwa kukulahleka kokufuma okwandileyo kune nezidingo vezondlo kunya wembalela kunokukhokelela kwsityalo esingakhuli kakuhle nezivuno esinganeno kwebekugqaliselwe kuzo. Le mibandela kufuneka uxoxe banzi ngayo nomthengisi wakho wembewu xa usenza isiqqibo ngohlolo lomhlanganisela ongowona ufanele ifama yakho. Okona kufunekayo kukulima iintlobo eziligelu ukuze uthelekise nohlobo onolwazi olunzulu ngalo 'olothelekiso' oluqhube kakuhle kwifama yakho kumaxesha amaninzi okulima. Kukwacetyiswa ukuba ube yinxenyen yenqubo yovavanya olwenzelwa imihlanganisela emitsha.

## ULAWULO LOKUFAKWA KWEZICHUMISO

Luninzi uphando olwalathe ukuba naluphi unqongophalo Iwenitrogen ubukhulu becali kumabakala abalulekileyo akhankanywe ngasentla eku-phuhleni kweenkozo noluya kuba nefuthe elibanzi ekukhuleni nakvisivuno sasekugqibeleni. Kubalulekile ukutshatyalaliswa kokhula xa izityalo ziphakathi kwebanga lokuqala ukuya kwelesi-5 lamaggabi (V5) ukufikelela kwiintsuku ezingama-21 emva kokuntshula.

Kubaluleke ngakumbi ukufaka umaleko emacalenzi azo naziphi iimfunezo zenitrogen ebezingafakwanga phambi okanye ngexesha lokutyalaphakathi kwebanga le-V5 ukuya kwele-V8 ukuqinisekisa ukuba izondlo ziayafumaneka emhlabenzi ukwenzela elona nani liphezulu leenkozo ezinokubumbeka. Njengoko kwalathiwe kumanqaku angaphambili kucetyiswa ukuba isiqingatha senitrogen esifunekayo sifakwe ngethuba lokutyalaphakathi kwe-V5 ukuya kwi-V8. Ukuba iimeko zingathintela umaleko osemacalenzi njengoko kucwangciselwe,

nitrogen ingasetyenziswa ukufikelela kwibanga lamaggabi ali-10 xa isixhobo sakho sisenokusetyenziswa entsimini ukuba izityalo aziphakamanga kakhulu. Umbona ukhula ukususela ekuphakameni kwedolo ude ube mde kunokuphakama kwegxalaba kwiintsuku ezili-14. Ucwangciselo Iwakho malunga nomsebenzi wokufakwa komaleko emacalenzi malulungiswe kwangethuba phambi kokulima nasiphi isityalo.

Naziphi iziphene kubumbeko Iwezikhwebu ngenxa yonqongophalo Iwenitrogeni, isulphur okanye ipotassium ngokweemvavanyo ezingasentla zifanele ukusetyenziselwa ukulungelelanisa inkubo yokusetyenziswa kwezichumiso kwixesha elizayo. Unqongophalo Iwenitrogen nolwesulphur lusenokungacaci kodwa olwepotassium lungabonakala ngezikhwebu ezi-futshane neenkozo ezingaphuhlanga kwiincam zazo Ezi mpawu zingancipha ngokufunda nzulu ngamaggabi aluhlaza akhulayo kodwa aselephuhla. Kusoloko kucetyiswa umgaqo wokufakwa kwezichumiso. Umntu ufanele ukuzama ukuphucula amanani eenkozo nokuhlolekeli kwazo kwizityalo zexesha elizayo ngolawulo olulolona lufanelekileyo.

## ISIPHELO

Tyelela isityalo sakho nabacebisi abangabathengisi bembewu nezichumiso ngawo onke amabanga ukuze ufumanise naziphi iingxaki okanye unqongophalo Iwezonddlo olunokupuhlu nolunokunciphisa isivuno sakho sasekugqibeleni. Gqala kwaye ulinganise yonke imibandela enefuthe kwisivuno ngebanga lokukhula kwezityalo, elokubumbeka kwembewu nelokuvuna. ■




Imizekelo yezikhwebu ezomileyo ngexesha lokuvuna.



lintlobo zezikhwebu kwibanga lokufuma okuphezulu.

# Phinda ucinge ngolawulo lwefama ngenxa yeCovid-19



**N**GEXESA LOKUBHALA KWAM ELI NQAKU BESEKULITHUBA SINGENE KUMVALELA-NDLWINI OBANGELWE NGUBHUBHANE WEHLABATHI WECOVID-19. EYOKUBA UMVALELA-NDLWINI UYA KUPHELISWA NINI, AKAKHO OQINISEKI-LEYO. MHLAWUMBI XA SOWUFUNDA ELI NQAKU UMVALELA-NDLWINI UYA KUBA SOWUDLULILE, KODWA IVAYIRASI IZA KUBE ISAHELEI NATHI NGOKUTSHO KWEENGCAPEPH. NOKUBA KWENZEKA NTONI, ELI NQAKU LIYA KUBA LISABALULEKILE.

Nangona kunjalo, imingeni emalunga nolawulo lwamashishini efama, ngakumbi kumashishini ethu amancinane, seyibonakala kwaye kuza kufuneka ukuba ikhawuleze isonjululwe ukuze kuphunyezwe ishishini elinempumelelo. Kanti sifanele ukuqonda ukuba ubomi ebesibuqhele phambi komvalela-ndlwinu abusayi kphinda bufane nobasemva komvalela-ndlwinu.

## YEYIPHI IMINGENI ENOKUCHONGEKA?

Okwangoku ovona mngeni mkhulu, ngowomqukuqelo wekheshi. Abanye abalimi bajongene nobunzima bokuthengisa iimveliso zabo, kwaye oko kuchaphazele ingeniso yabo. Kubekho iinkxalabo malunga nokuhlawulwa kweendleko ezifana nezemivuzo, umbane, nezinye. Abalimi mhlawumbi abanamatyala amakhulu nabo baneengxaki ezithe chatha zomqukuqelo wemali kunabanye. Umuntu makaqaphele ukuba xa sisiya phambili, nokuba usekhona umvalela-ndlwinu okanye akunjalo ufanele ukulawula umqukuqelo wakhe wekheshi namatyla ngocoselelo ukuze aphumelele kwishishini lakhe.

Indlela eqinisekisiwayo yokuhlangabeza ukuqukuqela kwengeniso kukuba neentlobo ngeentlobo zoshishino. Endaweni yokuba neshishini elinye okanye amabini afaka ingeniso kanye okanye kabini ngonyaka, ufanele ukwahluka-hlukanisela kwamanye amashishini ukuze wolule ingeniso yakho. Ukuba enye imveliso iyasilela, unakho ukuthembela kwingeniso yenye imveliso. Nceda khumbula ukuba ukwahluka-hlukanisa akuthethi ukuba ufanele ukulwandisa ulwahluka-hlukaniso lwakho ukuze ube namashishini amaninzi ngaphezu kwalawo unawo. Mhlawumbi ungahlukanisa ngokuthi wakhe ishishini elahluke ngokupheleleyo. Cinga ngengqondo ephangaleleyo engavalelwanga ebhokisini. Qaphela iziphiwo zakho nezo eziphakathi kosapho lwakho ngokunjalo nemithombo yoncedo. Uthini ngokhenketho kvezolimo?

Ukuba ubuqubisene nemingeni malunga nokuthengisa imveliso/iimveliso zakho ngeli thuba, mhlawumbi ufanele ukicinga ngokutsha ngesicwangciso-cebo sakho sokuthengisa. Ngokuinisekileyo luyanda uthakazelelo lokuthengisa nezinye iimveliso, ezifana nemifuno, iziqhamo, inyama nobisi ngqo ukusuka kumlimi ukuya kumthengi. Zivela yonke imihla kwiFacebook izicelo zokuthengiswa kweemveliso ukusuka kubalimi ukuya kubathengi. Ingxelo ekhutshwe kutshanje kwiLandbouweekblad yalatha ukuba eMzantsi Afrika kukho iivenkile zezirhoxo ezingama-150 000 kanti kukho uthakazelelo lokuncendisa abanini ngobuchwepheshe ukuze balawule iivenkile zabo ngokufanelekileyo, ngakumbi impahla egciniwego, kanti abaninzi balathe ukuba baza kuba nomdla ekuthengiseni iziqhamo nemifuno. Kukho namanye amathuba akhoyo okuthengisa, wena phuma nje ukuze ukwazi ukuwfumanisa.

*Marius Greyling, UmbhalikiwiPula Imvula. Thumela i-imeyilapha marius@mccacc.co.za*



Malunga nokulima mhlawumbi ufanele ukicinga ngemigaqo yakho yokulima. Ingaba usendleleni yokusebenzisa imigaqo yokufama ngolondolozo okanye usasebenzisa iindlela ezindala zokuphethula umhlaba? Ukufama ngolondolozo kujoliswe ekulimeni izityalo emasimini ngophazamiseko lomhlaba olulolona luncinane, kugcinwe ukuchuma komhlaba ngokunjalo nokufuma komhlaba. Uphazamiseko lomhlaba olulolona luncinane, ukugcina umhlaba ugqunyiwe (izityalo zokutshintsha), uku-xuba nokujikelezisa izityalo, nokufakela ishishini lemfuyo kubonakele kusebenza kakuhle. Ngenxa yolondolozo lokufuma abalimi abasebenzisa le migaoqo kufunyaniswe ukuba uba mhle umsebenzi wabo volimo nkqu nangamathuba embalela. Kwakhona iindleko ziyanipa ngenxa yokuphethula umhlaba okukokona kuncinane ukuze kwande imveliso. Ngokufakela ishishini lemfuyo udala iantlukwano kwifama yakho. Abathengi nabo sebenolwazi kakhulu ngemigaqo yokufama ehambelana nokuphilisana kwendalo ukuze bafumane iimveliso ezinika impilo futhi bafuna ukuwazi nomkhondo wezo mveliso.

Elinye ifuthe lomvalela-ndlwinu kukuba abantu ngoku bayiqaphela ngakumbi impilo nokhuselo kwindawo yokuphangela. Kulindele ukuba oku kuya kuqhuba nasemva komvalela-ndlwinu futhi lindela amaxesha okuhlolwa athe kratyia okwenziwa liSebe labaSebenzi. Ngoko ke, kulgiselele oko.

Sinqwenela ukugxinisa ukuba ulawulo olunempumelelo lweshishini lakho luxhomekeke kucwangciselokuphathekayo olucoselelwayo kunya ngamnye nolukhokelela kuhlahlo-mali olufanelekileyo. Uhlahlo-mali luyimbonakalo yemeko yemali yeziwangciso zakho kwaye lufanele ukuquka uhlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi. Okufunekayo emva koko kukulawula ishishini lakho ngokwesicwangciso nohlahlo-mali lwakho. Malunga nolawulo lohlahlo-mali lomqukuqelo wekheshi lwakho, kuqaphele ngeliso elibukhali ukuthenga okungeyomfuneko ngakumbi ukuthenga ngetyala. Xa unaqinisekanga ngendlela yokwenza isicwangciso nohlahlo-mali kakuhele, fumana uncedo uez ukhumbule ukuba xa ungenzi milinganiselo akunakukwazi ukulawula kakuhle. Phucula ugcino-zincwadi lwakho, lubaluleke kakhulu.

## ISIPHELO

Ngoko ke, khumbula ukuba akunakukwazi ukuqhuba ngendlela obuseenza ngayo ukuze ube ngumlimi ophumelelayo. Umlimi onempumelelo ngumntu owenza inzuso enozinzo kwiminyaka emininzi. Umngeni malunga nobhubhane weCOVID-19 nexesa lomvalela-ndlwinu kukucingga ngokutsha ngolawulo lweshishini lakho liphelele – imveliso nemigaqo yokulima, ukuthengisa, nokusetyenziswa kwemithombo yoncedo, impilo entle nokhuselo, ulawulo lwemali yakho nogcino-zincwadi. Impuno yokutya yandile kanti lo bhubhane ubonakalise umba wobukho bokutya okwaneleyo, ngoko ke kukho amathuba avulekileyo.

Yiba novelo ngeshishini lakho, cinga ngokutsha ngeshishini lakho futhi uhlale ulungele intlekele elandelayo, okanye...!

# IMBUYEKEZO YEDIZILI

## – kuchazwa ofanele ukukwazi



MBUYEKEZO YEDIZILI IYINKQUBO YOKUBUYISELWA KWEMALI YEDIZILI. ISISIQABU SERHAFU ESIFUMA-NEKA NGENXA YEMISEBENZI EYAHLUKA-HLUKILEYO YECANDELO LOKUFAMA, ELOKWEMBIWA KWEMIGODI NELAMAHLATHI PHAKATHI KWEMINYE.

Injongo kukuwenza khaphukaphu umthwalo wamashishini eli lizwe afanele ukukhuphisana necandelo langaphandle lehlabathi umzekelo, abalimi abaninzi bafumana ubonelelo-mali nezinye iintlobo zokhuse-lo. Kujoliswe nakwisiqabu esinikwa ngezithuthi ezingasebenzisi thungelwano Iweendlela zoluntu njengoko ubukhulu becal a zisebenza kwiindawo ekugqaliselwe kuzo, umzekelo kwiifama. Isicwangciso seMbuyiselo yeDizili ngoku sinikwa ngokwenkubo yeVAT ngokwemimiselo yoMthetho oMiselwego weRhafu kwiMpahla ethengwe ngaPhandle neyeli Lizwe.

Le mbuyekezo inika isiqabu ngokupheleleyo nangokungaphele-langa kwiRhafu Jikelele yaMafutha okuBaseла nakwirhafu yeNgxowamali yeeNgozi zeNdlela. Ukususela kumhla woku-1 kuApreli ngo-2020, iRhafu Jikelele yamaFutha okuBaseла inyuke yafika kwiisenti ezingama-355 ngelitha; kanti irhafu yeNgxowa-mali yeeNgozi zeNdlela inyuke yafika kuma-207 eesenti ngelitha.

Umlimi unemfanelo yembuyekezo kuma 80% okusebenzisa kwakhe okusemthethweni iilitha eziyimfanelo yakhe. Ezi ziya kuba ziilitha ezisetyenziswe kwimisebenzi yokufama esentloko kodwa iya kukhuphela ecaleni idizili esetyenziselwa ubuqu bomntu nemisebenzi yabucala. Amashishini okufama anelungelo lembuyekezo yedizili malunga nedizili eziswe kwisakhivo nomhlaba wefama womsebenzisi wawo onemfanelo. Abalimi abaninzi bebesoloko bebangi imbuyekezo naxa idizili yemisebenzi yokufama ithengwe kwamanye amaziko. Nangona kunjalo, isigwebo seNkundla ePhakamileyo yeziBheno ewiswe kuNovemba ngo-2019 sinike isikhokelo malunga noMthetho oMiselwego, wokuba umrhafi onemfanelo angayibanga imbuyekezo kuphela ngamafutha edizili agciniwego nasetyenziswa kwindawo leyo nemihlaba yayo ngokunjalo.

### NDIYIFUMANA NJANI IMBUYEKEZO?

Ukuze ube nemfanelo yembuyekezo yedizili:

- Kuyimfuneko ukuba uqale ngokubhaliswa njengomthengisi one-mfanelo yeVAT.
- Emva koko ufaka isicelo eSARS sokubhalisela imbuyekezo yedizili. Ifomu efanele ukuzaliswa yiVAT101D.
- Ukuze ufumane imfanelo yembuyekezo ukwazi ukubanga imbuyekezo, oko kuxhomekeke kumlimi ukuqinisekisa isixa samafutha okubasela asetyenzisiwego.
- Mawagcinwe onke amaxwebhu anxulumene nokuthengwa kwedizili.
- Mazigcinwe kakuhle iincwadi ekubhalwa kuzo iinkcukacha. Oku kuya kufuna ukuba umlimi azalise isicwangciso ekudweliswe kuso imisebenzi enemfanelo yembuyekezo ngokunjalo nokusetyenziswa kwedizili ngomsebenzi ngamnye.

Jenny Mathews, umbhalu kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za



### IINCWADI ZEENKCUAKACHA ZEDIZILI

Zibubungqina beentengo zakho zedizili nokusetyenziswa kwayo.

#### Hloba luni Iweenkcukacha ezifanele ukubhalwa encwadini eenkcukacha ngembuyekezo yedizili?

1. Zonke iintengo zedizili. Imihla yokufakwa kweenkcukacha, ii-invoyisi zerhafu uze ugcine iikopi ezingamaphepha ngokhuse-lo nakwindawo ezifumaneka lula kuyo. Qaphela: Imbuyekezo ebangwayo yeyedizili eseyisetyenzisiwego kungabi yidizili ethengiweyo nje.
2. Bhala ingxelo yomhla nenkcazelu ngezithuthi ezizaliswe ngedizili ephuma kwitanki zakho zamafutha okubasela ngeenjongo zemisebenzi yokufama. Nikela ngenkcazelu echanekileyo yesithuthi kune nenani leelitha ezikhutshwe kwitanki zakho kusithiwa idizili kwisithuthi ngasinye.
3. Bhala ukuba ngowuphi umsebenzi wokufama, nokuba isithuthi sasetyenziswa kweyiphi intsimi. Umzekelo, ukulima, ukukravula umhlabu, ukutyala. Qaphela: i-SARS ibisoloko isaziwa ngokufuna ukwazi indawo nciam owenzeke kuyo umsebenzi wokufama, ngoko ke kubalulekile ukuyichaza ngqo indawo aphi idizili ibisetyenziswe khona nokuba isetyenziselwe wuphi umsebenzi idizili leyo.

Umzekelo wenewadi eenkcukacha zokusetyenziswa kwedizili unokufunyanwa kwiwebhusayithi yaseSARS apha: <https://www.sars.gov.za/All-Docs/LegalDoclib/Drafts/LAPD-LPrep-Draft-2013-17%20-%20Draft%20Tariff%20Amendment%20Diesel%20Usage%20Logbook.pdf>

### NGOKUBANZI

Kubalulekile ukuba abalimi baqonde ukuba imbuyekezo yedizili yimvume yohlobo olulodwa enikwayo. Amagosa aseSARS asoloko ekhangela abo baxhaphaza le nkubo nabayisebenzia ngobuqhetseba. Kungenxa yokuba iluncedo kwicandelo elibanzi lokufama okwenza ukuba siwuqhlonlele umthetho owisiwego ukuze sizigcine sikwicala elilungileyo lomthetho.

Imbuyekezo yedizili yenye yezinto ezeluncedo kubalimi kuhela abalufumana kurhulumente ngoko ke sifanele ukuzama ukugcina iingxelo zingenzi zikrokro. Ngaxeshanye, ukuba abalimi baqubisana neemeko zenkxalabo neengxaki ngenqubo yembuyekezo yedizili nempumezo yayo, iGrain SA ingabanceda kwaye abalimi mabakhu-luleke ukuqhagamshelana neofisi eyintloko xa bekwazi ukubonisa iingxelo ezichanekileyo kune nezizathu zenkxalabo yabo.

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087  
Lynnwood Ridge  
0040  
■ 08600 47246  
■ www.grainsa.co.za

### UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8252  
liana@grainsa.co.za

### UMAHULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS  
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie  
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



### INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

#### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel  
Free State (Ladybrand)  
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8283

#### Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

#### Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8218

#### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)  
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

#### Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

#### Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)  
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8252 ■ Hailey Ehrenreich

#### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

#### Cwayita Mpotyi

Mthatha  
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8277

#### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

# ICEBO NGEENKUKHU ekuphuculweni koshishino Iweenkozo

CEBO ELINGUMALATHANDLELA NGE-CANDELO LEENKUKHU LIPHUHLISWE NGENTSEBENZISWANO ENZULU PHAKATHI KUKARHULUMENTE NAMA-QELA ANENXAXHEBA KUSHISHINO, UKUSUSELA KUBAFUYI BEENKUKHU, ABENZI BEEMVELISO, ABATHENGISI EMAZWENI ANGAPHANDLE, ABATHENGI EMAZWENI ANGAPHANDLE KUNYE NABASEBENZI BOLUNGISELELO. LINIKA ISIKHOKELO-NKQUBO NGELINGE LENYAMEKO LOKUKHULISA ISIPHUMO (NAMATHUBA EMISEBENZI) KUSHISHINO NGOKUSEBENZISA AMANYATHETO AYA KUPHUNYEZWA KWIMINYAKA ELIQELA.

Okubalulekileyo kukuba likhanyisa umbono omtsha, ohlanganiselwe kwitsheyini eyongeza ixabiso, kwaye lichonga iiintsika ezintlanu ezisiseko sombono ngokunjalo limisela iBhunga leCebo elinguMalathandlela kwiCandelo leeNku-khu ukuze kubekwe iliso kulo kuqhutylelw phambili impumezo yeentsika.

Icandelo leenkukhu linendima esentloko eMzantsi Afrika, kuba libonelela ngomthombo othengekayo weeprotheyini wezigidi zemizi. Liphinda longeze ixabiso lezityalo zombona neembotyi zesoya, kwaye linika inkonzo esentloko kwicandelo lokufama. Olu shishino ngoku lunezhinthelo eziphantsi kungenelo kwaye licandelo elibalulekileyo ekuvelisweni kwezinye iimveliso, kwisongezo sexabiso nokudala amathuba emisebenzi elizweni liphelele.

#### IMINGENI

Imingeni elijongene nayo icandelo leenkukhu liqua isondlo esineendleko eziphezulu, imveliso encinane, ienza ukuba kujoliswe kuMzantsi

**Ikageng Maluleke,**  
Ingcali yezoQoqosho kuLimo,  
eGrain SA. Thumela i-imeyili  
apha Ikageng@grainsa.co.za

Afrika malunga nokuthengisa emazweni angaphandle, iimeko zokuthengisa nezivumelwano ngorhwebo zivulele izixa ezikhulu zeemveliso zeenkukhu zamaxabiso aphantsi kwiindawo zethu zeentengiso. Kuphinda kubekho ingxaki yokungakwazi kuthengisa emazweni angaphandle kwiindawo ezifumanekayo zeentengiso ngenxa yeemfuneko zococeko nolungqaliswa kwizityalo. Urukunwa kwenxaxheba ngokulanganayo kusengomnye umngeni kulo lonke ityathanga lexabiso kweli candelo.

Kukho isidingo sokwanda icandelo leenkukhu nokuthintela ukulahlekelwa sisakhono seli lizwe. Ngoko ke, injongo kukunciphisu ukuthenga kumazwe angaphandle. Ngaphezu koko, kufuneka kubekho izenzo ezingenamathandabuzo zokuthintela iintlobo ezingenabulungisa kurhwebo kunye nawo nawaphi amalinge okulahlela iimfumba zeemveliso zeenkukhu kwiindawo zethu zokuthengisa.

#### INTSIKA YOKUQALA

Phakathi kweentsika ezintlanu ezichongwe kwicebo elinguMalathindlela zokuqhuba ngophuhliso nenkaso yecandelo leenkukhu leli lizwe, intsika yokuqala imalunga necandelo leenkoko nendlela abalimi beenkozo banokuzibandakanya ngayo ekuphuculweni koshishino Iweenkukhu. Oku kupathellele ekwandisweni kwemveliso yombona neyeembotyi zesoya.

## INTSIKA 1: UKWANDISA NOKUPHUCULA IMIGQALISELO EKUJOLISWE KUYO UKUYA KOWAMA-2023.

#### Inkubo

- 1.1: Ubambiswano ngokwesicwangciso phakathi kweSAPA neGrain SA ukuze kwandi-swe intengiso yombona neyeembotyi zesoya kunye nokuthoba amaxabiso.

#### Imfuneko

- Ukwandisa ukuthengwa kwasondlo seenkukhu ngeeton ezingama-300 000 ngonyaka.
- Ukuhlola amacebo okusebenzia umgangatho ophezulu wentengo ukuze kufikelelw kumaxabiso afikelelekayo.

#### Ukuzinikela kwimigqaliselo

- Ukuseyenziswa okungezelwe ngeeton ezingama-300 000 zeembotyi zesoya/zombona ukuze kusindiswe amathuba emisebenzi emitsha engama-300.

#### Ukongamela/Uxanduva

- I-IDC mayisebenzisane neGrain SA neSA Poultry Association (SAPA) kuhlololwamalungiselelo anokwenzeka okwandisa intengiso kwiindawo ekujoliswe kuzo nokuthoba iindleko.
- iBhunga lifanele ukuchonga amanyathelo ongezelweyo ukuze kuphunye-zwe lo mgqaliselo. ■

